



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

GRADE 11

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA LOKUQALA

NOVEMBA 2009

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iyure

Olu viwo lunamaphepha ali – 12.

IMIYALELO KUNYE NENGCOMBOLO YOLWAZI

- 1 Eli phepha lemibuzo linamacandelo amathathu, ICANDELO A, ICANDELO B neCANDELO C.

ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30 amanqaku)
ICANDELO B: Isishwankathelo (10 amanqaku)
ICANDELO C: Igrama nokusetyenziswa kolwimi (30 amanqaku)
- 2 Phendula YONKE imibuzo.
- 3 Bhala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA uze ukrwele umgca ekupheleni kwalo.
- 4 Shiya umgca emva kwempendulo nganye.
- 5 Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
- 6 Landela imiyalelo ngocoselelo.
- 7 Bhala iimpindulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
- 8 Qwalasela upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1**

1.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo esekwe kuso:

Uyaphumelela nangona enesiphene.

- 1 UMasingita Masunga wazalwa enesiphene ebuchotsheni esamenza wangakwazi ukuthetha nokuhamba kakuhle.
- 2 “Abazali bam babendiphatha njengabany’ abantwana abangenaziphene emzimbeni. Bandifundisa ukuba ndingabinantloni ngemeko yam nokuba ndizimisele ngempumelelo ebomini”, litshilo eli bhinqa linama-26 eminyaka.
- 3 “Ekhaya ndandisenz’imisebenzi yekhaya njengabany’ abantwana. Oko kwandinceda kuba ngoku ndihlala eJohannesburg nabantakwethu ababini, uNtsuku noBukhosi kwaye abazali bam bahlala eGiyani. Ndizimele ngoku.”
- 4 UMasingita waboleka imali kwihlelo leBEE ngenjongo yokuzivulela inkampani. Kungoku nje unenkampani yakhe ekuthiwa yiTinyungubuyiseni Talent Promotions ezama ukukhuthaza nokuvuselela abantu abaneziphene emzimbeni nasengqondweni.
- 5 “Andifuni ukuba abany’ abantu abafana nam badibane neengxaki endidibene nazo. Ndifuna nokuba abantu balwazi ucelo-mngeni esijongana nalo ebomini ngenxa yeziphene zethu”, kuchaza yena.
- 6 UMasingita usebenza nabantu ngabantu kumaphulo ohlukeneyo. Omnye umntu onegalelo elikhulu emisebenzini yakhe nguYvonne Chaka Chaka. Inkampani yakhe iququzelel’ iindibano zokuncazelan’ ulwazi, iitumente zebhol’ ekhatywayo neengxoxo zokukhuthazana kulo lonke eli ukuze abantu bazi ngabantu abaneziphene emzimbeni.
- 7 “Ndifun’ abantu bazi ukuba nathi siyafana nabo. Siyakwazi nathi ukwenza izinto ezisifikelayo ezingqondweni”, utsho uMasingita, othiwe jize ngeArts and Culture Award kukhuphiswano lwama – 2004 Shoprite Checkers/SABC 2 Women of the Year Award.
- 8 “Umntu onesiphene angaba nemveliso njengomntu ongenasiphene xa egeqeshiwe, yaye ekhuthazwa. Ukuzuzisa loo mbasa kwandivulel’ amathuba, nabantu batsho bazi ngephulo lam.”

- 9 UMasingita uyavuma ukuba ukuphumelela kwakhe akukhange kube yindlwani iyanetha. Inkuthazo nenkxaso yosapho idlale indima enkulu. Watshona kabini kwimatriki kuba abantu ababemakisha amaphepha eemviwo babengakwazi ukufunda into ayibhalileyo. Abazali bakhe abaphangela kwiSebe leMfundo eGiyani baya naye ePitoli beyokucela iSebe leMfundo ukuba lingenelele.
10. “Abazali bam babeqonda ukuba andifanelanga kutshona kwimatriki baza bacela uncedo kwiSebe leMfundo. Ndanikwa umntu oza kundinceda ndaza ndayipasa imatriki.” Ngoku uMasingita wenza izifundo zeDiploma kwezentengiso.
11. Uququzelele ukhuphiswano lonobuhle lwabantu abaneziphene ngowama – 2000 olwalubizwa ngoMiss Confidence. Ngephulo lakhe iNyeleti – Star Beyond Limits – ukhuphiswano lomculo lwabantu abaneziphene, uncede iqela leFilaca lafumana isivumelwano sokushicilela icwecwe kwenye yeenkampani zeli.
- 12 UMasingita usazifuman’ izenyeliso kwabany’abantu. “Abany’ abantu bakhe bandibuz’ ukuba ndinxilile na. Phofu ke andibahoyi. Ndikhumbula xa ndandiququzelela ukhuphiswano lukaMiss Confidence, abantu babendibetha ngefowuni.”
- 13 UMasingita uphumelele kwezo ngxaki waza waba ngumntu anguye namhlanje. “Kaloku uvuna into oyilimileyo! Ungalindeli ukwenzelwa. Nokuba urhulumente angasivulel’amathuba, sithi ekufanele siwasebenzise”, utshilo elokuqwela.

[Ithatyathwe kwincwadi IsiXhosa ngumdiliya – ngu M. Mdiva nabanye yaze yalungiselelwa olu viwo.]

- 1.1.1 Isiphene esisebuchotsheni samenza wohluka njani uMasingita kwabanye abantwana abaqhelekileyo? Xela izinto zibe MBINI. (2)
- 1.1.2 Chaza intsingiselo yeli binzana:
(i) kube yindlwani iyanetha. (1)
- 1.1.3 Ngaphandle kwenkxaso awayifumana kubazali bakhe, ngubani omnye umntu owabanefuthe kwimpumelelo kaMasingita? (1)
- 1.1.4 Ingaba yinyani okanye asiyonyani le ntetho ilandelayo? Xhasa impendulo yakho. UMasingita wayezalwa yedwa kokwabo. (2)
- 1.1.5 Gqibezela le ntetho ingezantsi eye isetyenziswe xa kukhuthazwa umntu ekufuneka edlule kwimiqobo emininzi phambi kokuba aphumelele:
Impumelelo ise ... ni. (1)

- 1.1.6 Khetha kwezi mpendulo zilandelayo:
I-akhronim uBEE xa ephelele uthetha ukuthi:
A Black Economic Empowerment
B Bread and Breakfast
C Buyisa Ezakuthi Ekhaya (1)
- 1.1.7 Nika isichasi segama elikrwelelweyo kwesi sivakalisi silandelayo:
Inkampani yakhe ikhuthaza abantu abaneziphene emzimbeni nasengqondweni. (1)
- 1.1.8 Guqula igama elikrwelelweyo kwesi sivakalisi silandelayo sibe kwimo elandulayo.
Bandifundisa ukuba ndibe neentloni ngemeko yam. (1)
- 1.1.9 Igama u-AWARD elisetyenziswe kumhlathi wesi-7 ligama lesiNgesi. Chonga igama lesiXhosa elisetyenziswe kumhlathi wesi-8 elikwathetha into enye no-AWARD. (1)
- 1.1.10 Caphula isivakalisi kumhlathi we-9 esibonisa ukuba uMasingita zange achebelezele ukufumana imfundo yematriki. (2)
- 1.1.11 Abazali bakaMasingita babesebenza phi? (1)
- 1.1.12 Ucinga ukuba babekweyiphi imo abazali bakaMasingita ngoku baya ePitoli besiya kucela iSebe leMfundo ukuba lingenelele? Zixhase ngokwakumhlathi wesi-9. (2)
- 1.1.13 Ingaba umhlathi we-10 ubonisa ukuba uMasingita ungumntu onjani? (1)
- 1.1.14 Kumhlathi wokugqibela umbhali unomyalezo awushiyayo wokuba umntu ufumana oko akusebenzeleyo. Nyula ibinzana elithetha oku kulo mhlathi wokugqibela. (1)
- 1.1.15 Lungisa esi sivakalisi silandelayo sinike intsingiselo evakalayo:
Uphumelele anguye namhlanje waza waba ngumntu kwezo ngxaki. (2)
- 1.1.16 Yintoni oyifundileyo kwesi sicutshulwa ocinga ukuba ingabakha ubomi bakho? Nika ingongoma ibe NYE. (1)
- 1.1.17 Thiya esi sicutshulwa ngokutsha. (1)

1.2 Funda le khathuni ilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo:



[Le khathuni ithatyathwe kwi-English Home Language yakwa-Oxford iphepha le-83 yaza yalungiselelwa olu viwo]

- 1.2.1 Ngowuphi umdlalo oboniswa kule khathuni? (1)
- 1.2.2 Ikhathuni zaziwa kakhulu ngokuyolisa nangokubaxa izinto. Ingaba le khathuni xa uyijongile ikwenza uhleke okanye ucaphuke? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 1.2.3 Ingaba indoda ekubhalwe Roland Schoeman kwiqonga ekhwele kulo yeyaliphi ilizwe? (1)
- 1.2.4 Xa ujonge aba badlali bathathu ngowuphi obonakala ewonwabele lo mdlalo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.2.5 Uyavumelana noluvo lokuba isakhono anaso umntu ikwabubutyebi bakhe obo? Zixhase. (2)

[8]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2**

Ungumfundi ogqwesayo kwizifundo zakho kwibanga le-12 kwisikolo sakho, kangangokuba ibhatyi yakho iyayokozela ziimbasa othweswe zona kulo nyaka. Fundisisa eli nqaku lilandelayo ulishwankathele, usebenzise **lona** ukwenza intetho ekhuthazayo kubafundi abakumabanga angezantsi kwisikolo sakho ukuze babe namandla okuzimisela nabo.

Landela le miyalelo xa ushwankathela:

- Chonga iingongoma eziphambili ezingomxholo zingabi ngaphantsi **kwesi-7.** (7)
- **ZIDWELISE** ezi ngongoma, uzibhale ngawakho amazwi/amagama.
- usebenzise izivakalisi ezipheleleyo ezizezakho; ungawulahlali umxholo.
- Sebenzisa amagama aphakathi kwama-60 nama-70 xa ushwankathela; **ulibhale ngokuchanekileyo inani** lamagama owasebenzisileyo.
- Sebenzisa iimpawu zobhalo **ngokuchanekileyo** (upelo; ulwahlulo-magama; igrama nezinye). (3)

QAPHELA: Isicwangciso/idrafti mayibhalwe igama elithi “**Isicwangciso/Idrafti** ngokucacileyo kungenjalo iya kuthatyathwa njengesishwankathelo. [10]

INKUTHAZO: UNGABOZE UNCAME!

1. Abantu abaphumelelayo ebomini ngabo bangancamiyo. Impumelelo yakho iya kuvavanywa ngokwemiqobo oyitsibe ixabe endleleni yakho. Abantu esibabona benempumelelo abazange bahambe lula, bengazange bancame nangona zazininzi izinto ezixabe endleleni yabo eya empumelelweni.
2. Xa ulime iitapile uze uzihlakulele, zithabatha ixesha phambi kokuba zivuthwe, ube nesivuno esihle zakuvuthwa.
3. Zinike ixesha kwaye uzinikele kwinto oyenzayo, uya kuvuna iziqhamo ezihle kuyo. Akukhathaliseki nokuba ungubani na; xa izinto uzenza ngendlela, uya kuphumelela.
4. Kufuneka uzame ukuphumeza loo nto uyifunayo kuba ukungancami kuko okwenza umahluko phakathi kokoyisakala nokuphumelela. Into eyenza abantu banikezele msinya kukuzithelekisa nabanye abantu abacinga ukuba baphumelela lula. Obo bubuyatha ngenxa yezi zizathu zibini:

Esokuqala: Akuzazi iinkcukacha zobomi bomnye umntu ngaphandle kwezobakho. Abantu ocinga ukuba baphumelela lula, kungenzeka ukuba bajongana neengxaki ezingaphezulu kwezakho. Kaloku awunazo iinkcukacha ezaneleyo ezingakwenza uzithelekise nomnye umntu!

Esesibini: Bonke abantu baneenjongo ezahlukeneyo ebomini, ngoko akufanelanga uzame ukukopa ubomi bomnye umntu. Ukulinganisa omnye umntu kuyadodobalisa.

5. Enye into ebalulekileyo ukuze uphumelele kukungatyhafi kwinto oyifunayo nokuba ubona ungaqhubeli phambili. Umzekelo: Abantu abaqala amashishini baba nomdla kakhulu ekuqaleni. Bawavula kwangoko baze bawavale kade amashishini abo, kodwa bayoyiswa kukuba nolo dlamko ixesha elide. Bayanikezela bakubona izinto zihamba ngonyawo lonwabu. Yiloo nto kuphumelela ishishini elinye kwali-10. Khuthala ngokuphindwe kali-10 ukuze uphumelele.
6. Yiba nomonde yaye uzingise kuba izinto ezikwenza uphumelele zifika xa izinto zingakuhambeli kakuhle ebomini. Abantu abaninzi bayakhawuleza ukubona into abayenzayo ingaphumeleli, basuke bazibone befeketha ngexesha.
7. Ungabukholelwa ubuvuvu bokuba sele likushiyile ixesha lokuphumelela. Umthi ongewuwutyale eminyakeni engama-20 edlulileyo, usengawutyala nangoku. Nokuba uzibona ufeketha ngexesha, waphoswa ngamathuba, usengaqala nangoku.
8. Tshintsha indlela owenza ngayo xa kukho imfuneko, kodwa unganikezeli. Usenokuba nezinto ezikutyhafisayo yaye uzive udiniwe, kodwa unganikezeli, nkqu noThixo akanakukunceda xa unikezela!
9. Xa uphinda ufikelwa yingcingane yokuncama, yikhabe ngelithi, “Andisokuze ndincame”.

[Sibhalwe nguMfu. George kwiBona kaFebruwari 2009, iphepha lama-98].

ICANDELO C: IGRAMA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI**UMBUZO 3**

- 3.1 Funda lo mhlathana uze ulungise iziphene ezifumanekayo ukuze intetho ibe nentsingiselo eyiyo.

Siyazi ukuba umoya, ukutya namanzi zezona zinto zinthathu zibalulekileyo esithi thina bantu nazo zonke ezinye izilwanyana nezityalo sizifune ukuze siphile. Ukuba singavaleleka endluini nokutya okunintsi namanzi, ngaphandle komoya singaphila nje imizuzu emine. Ukuba ukutya kususiwe abe amanzi nomoya ekhona, sinokuhlala siphile iintsuku ezingama 40. Ngomoya nokutya engekho amanzi, sinokuphila iintsuku ezine kuphela. oku kusixelela ngokucacileyo ukuba amanzi abaluleke kakhulu kuthi.

(5)

- 3.2 Asetyenziswe njani amagama abhalwe ngqindilili kwezi zivakalisi zilandelayo:

3.2.1 Liyinene lona elithi, “**amanzi** abalulekile kuthi”.

3.2.2 **Oku** kusixelela mhlophe ukuba masiziqhelanise nokusela omanzi rhoqo.

3.2.3 **Bonke** abantu abanakho ukuhlala ngaphezu kweentsuku ezine ngaphandle kwamanzi.

(3)
[8]**UMBUZO 4**

- 4.1 Isichazi-magama kukho amagama ami ngolu hlobo:

Ityhamza ekuqaleni kwephepha, lize eli **ityhumza** libe sekugqibeleni.

Kula magama alandelayo leliphi elinokulandela ngqo emva kweli **ityhefu**.

Bhala nje igama elo.

- (a) Ityhamza
- (b) Ityhume
- (c) Ityhefu
- (d) Ityholo

(1)

- 4.2 Yonwabela le ncoko yesi sibini sizikhuphileyo uze uphendule imibuzo ebuzwe kuyo.

A

Mpintshi yam,
tyho! Ufunde
iiforeign
languages
phesheya nhe!

B

Kunyanzelekile
kaloku
ndingugqirha
ngoku, kutheni
ngathi ulibele
mnumzana.

C

Kanene uza kuba
ngumkhwenyana
kamama notata.
U**makazi** yena
uza kuthini xa
endibiza?

D

Yho! **mfondini!**
Alisacothi
ngako ixesha.
Kaloku nam
ndiza kuba
nomkhwekazi.
Abazali bethu
bona baza
kuba
ngabakhozi.

- 4.2.1 Bhala amagama avumelekileyo esiXhoseni endaweni yalawo abhalwe ngqindilili kwibhokisi A. (2)
- 4.2.2 Nika izifinyezo zamagama abhalwe ngqindilili kwibhokisi B. (2)
- 4.2.3 Zibonisa ntoni izimamva ezihlonyelwe kumagama asetyenziswe kwizivakalisi kwiibhokisi u-C no-D?
- (i) Umakazi
(ii) Mfondini (2)
- 4.2.4 Bhala intsingiselo yala magama njengoko esetyenzisiwe kwizivakalisi ezikwiibhokisi u-C no-D.
- (i) Umkhwenyana
(ii) Umkhwekazi
(iii) Abakhozi (3)

[10]

UMBUZO 5

- 5.1 Qwalasela esi sibhengezo silandelayo wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:

AMAQEBENGWANA AKWASIS'MEYI!

Ancamisile ngencasa!
Alafu-lafu! Asum-sum!
Akwenz'ube nomtsalane!

WABIZE NGEGAMA UZIWINELE I-R1000 YONKE
NGOSUKU!

Uza kuzenzel'abahlobo
Uza kuba nempilo engcono!
Uza kuwonwabela

Dibana nosis'Meyi kwa-0865356471/ sismeyi@yahoo.com

MUNGUNYA KAMNANDI!! MUNGUNYA KAMNANDI!!

- 5.1.1 Isihloko sesi sibhengezo sibhalwe ngefonti enkulu nangqindilili. Ingaba yintoni isizathu soko? (1)
- 5.1.2 Yintoni injongo yokusebenzisa esi sivakalisi silandelayo kwesi sibhengezo? WABIZE NGEGAMA UZIWINELE I-R1000 YONKE NGOSUKU. (1)
- 5.1.3 Chonga ibinzana elisisilogani kwesi sibhengezo singentla. (1)
- 5.2 Funda le miyalelo ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo. [3]

UKHUSELEKO LWEPARAFINI**OMAWUKWENZE XA UMNTWANA ESELE IPARAFINI**

1. Mse esibhedlele okanye eklinikhi ngoko nangoko.
Kuba iparafini iyabulala xa inganyangwanga ngokukhawuleza.
2. Ungamniki tu into etyiwayo okanye eselwayo.
3. Ungaze umgabhise umntwana.
4. Xa iparafini imchithele ezimpahleni mkhulule ukuze angayiphefumleli ngaphakathi.
5. Akulunganga ukuchithelana kwabantwana ngeparafini.

- 5.2.1 Isenzi esikumgca wokuqala kunombolo-1 senze msebenzi mni? (1)
- 5.2.2 Ingaba isimamva u-**ana** kwigama ‘ukuchithelana ‘ senze msebenzi mni? (1)
- 5.2.3 Qala esi sivakalisi silandelayo ngamagama abhalwe ngqindilili.
Unesi umyalele umzali ...
- “Mse esibhedlele umntwana ngoko nangoko,” utshilo unesi. (1)
- 5.2.4 Sebenzisa isivakalisi esikunombolo 3 ukuze isenzi sibonise isenzo esenzeka kudala. (1)

[7]

UMBUZO 6

- 6.1 Xela okwenziwe ngamagama akrwelelwe umgca kwizivakalisi akuzo.
- 6.1.1 Sinetyhefu ebulalayo emakhayeni ethu. (1)
- 6.1.2 Abany’abantu baseMzantsi Afrika banamabali ahambis’ umzimba. (1)
- 6.2 Nika isithetha-ntonye segama elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi silandelayo:
Akukho **miqathango** ibekelwe izinto emayigalelwe kuzo iparafini. (1)
- 6.3 Dibanisa isaci/iqhalo elikuluhlu-A nentsingiselo yalo ekuluhlu-B.

A**B**

1. Ukubeka inqawa.	A Amawele atshaya iinqawa ezinkulu.
2. Isala kutyelwa sibona ngolophu.	B Ukusweleka, ukufa okanye ukubhubha
	C Ukusala wedwa akulunganga.
	D Umntu ongevayo, oneenkani naxa enqandwa uqabuka sekonakele.

(2)

AMANQAKU ECANDELO C: [30]**AMANQAKU EWONKE: 70**